



URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundu leNtshona Koloni
ICandelo loLawulo noKuphathwa kwaMaziko

**IMiyalelo yokufakwa kwezicelo zeenkxaso-mali
zeehostele nokwabiwa kweenkxaso-mali
zeehostele ukwenzela izikolo zikarhulumente
ezineehostele**



Iziqulatho

1. Intshayelelo
2. Iinjongo
3. Isikhokelo semithetho emiselweyo esebezayo
4. Inkubo yezicelo zeenkxaso-mali zehostele (abafundi)
 - 4.1 Inkubo emazilandelwe xa kufakwa isicelo senkxaso-mali yehostele
 - 4.2 Imisebenzi yeNqununu
 - 4.3 Imisebenzi yoMphathi weSekethe
 - 4.4 Inkazo yegama elithi “umzali” ngokumalunga neenkxaso-mali zehostele
5. Inkubo yezicelo zeenkxaso-mali zehostele (izikolo)
6. Ukungeniswa kweFom yeBango (*Claim Form*) (WCED 077)
7. Inkubo emazilandelwe xa zingahlawulwanga iifizi zehostele

1. Intshayelolo

- 1.1 Le miyalelo ikhutshwa ngokwesiqendu 37(1) soMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) (South African Schools Act (SASA), 1996 (Act 84 of 1996), ukwenzela ukuba zonke izikolo zikarhulumente ezineehostele eNtshona Koloni, zizilawulwe ngokuyimpumelelo izicelo zeenkxaso yehostele nokwabiwa kweenkxaso-mali zehostele kwizikolo zikarhulumente ezineehostele.
- 1.2 Ngowe-01 Januwari 1999, zonke iihostele zezikolo zikarhulumente eziphantsi kolawulo lweSebe leMfundu leNtshona Koloni (iSebe iWCED) zatshintshelwa kwisistim efanayo (uniform system) eyaziwa njenge-Economic Management System. Phantsi kwale nkqubo iyi-Economic Management System, imisebenzi yemihla ngemihla yeehostele yaba yimisebenzi eluxanduva lwamabhunga olawulo (SGB) yaye kufuneka ahlawule imali eyinkcitho yokwenziwa komsebenzi kwiifizi zokubhoda namaphulo okunyuswa kwengxowa-mali zezikolo.
- 1.3 Kuthathelwa ingqalelo ukuba iSebe iWCED likhokelwa nguMqaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (Constitution of the Republic of South Africa, 1996), apho umfundi ngamnye anelungelo lokufumana imfundo, abafundi abaya esikolweni ngokuhlala ehostele kuphela, banikwa ithuba lokufaka isicelo senkxaso-mali yehostele.

2. Iinjongo

- 2.1 Kukuphumeza imithetho esebezayeo eyimfuneko yoMimiselo 16(4) weMimiselo emalunga noKulawulwa kweHostele kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo noKulawulwa kwePropathi engenaKushenxiswa nooMatshini neziXhobo zoKusebenza zeSebe leMfundu leNtshona Koloni zeSebe leMfundu leNtshona Koloni, eyapapashwa kwi-Provincial Gazette Extraordinary 7066 ye-28 Novemba 2012 (iMimiselo).
- 2.2 Kukunika imiyalelo ibhunga lolawulo lesikolo (SGB) ngokumalunga nokuba zinokusingathwa njani na izicelo zeenkxaso-mali zehostele.

3. Isikhokelo semithetho emiselweyo esebezayeo

- 3.1 UMMmiselo 16 weMimiselo emalunga nokuLawulwa kweHostele kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo nokuLawulwa kwePropathi engenaKushenxiswa nooMatshini neziXhobo zoKusebenza zeHostele eziphantsi kweSebe leMfundu leNtshona Koloni.
- 3.2 Isiqendu 63(1) soMthetho weMfundu wePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997) (Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)).
- 3.3 UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika. 1996 (uMthetho 84 ka-1996) (South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996)).

- 3.4 IMimiselo neMigangatho kaZwelonke yeNkxaso-mali yeZikolo (*National Norms and Standards for School Funding (NNSSF)*).

4. Inkubo yezelcelo zeenkxaso-mali zeehostele (abafundi)

4.1 Inkubo emazilandelwe xa kufakwa izicelo zenkxaso-mali yehostele.

4.1.1 NgokoMmiselo 16(4) wale Mimiselo, abazali babafundi banokufaka izicelo qho ngonyaka kwiNtloko yeSebe (HoD) okanye kwigosa ekudluliselwe kulo amagunya, ngokungqinelana neenkqubo ezimiselwe yiyo ukwenzela inkxaso-mali yehostele.

4.1.2 Akukho mfundi makafumane inkxaso-mali yehostele ukuba akasele eyifumana inkxaso-mali yeskim sothutho lwabafundi okanye phambi kokuba umfundi amkelwe ehostele.

4.1.3 Inkxaso-mali yehostele ngesixa somfundu ngamnye imiselwa qho ngonyaka *ngokwe-Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999)*, uMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996), ne-National Norms and Standards for School Funding (NNSSF). Nakuba abazali/abagcini babafundi benokufaneleka ukufumana inkxaso-mali epheleleyo, basaya kusoloko bethwaliswa uxanduva lentlawulo yomzali enyanzelekileyo, njengoko kumiselwe yiNtloko yeSebe (HoD) kumaxesha ngamaxesha.

4.1.4 Xa kuthathelwa ingqalelo izicelo zenkxaso-mali yehostele, kubalulekile ukuba ibhunga lolawulo libe nolwazi ngenkcazo yegama elithi umzali yaye oku kulandelayo kuya kuba lunchedo koku:

- (a) Umhlathi (c) wenkcazo yegama "umzali" kwisiqendu 1 se-SASA uqulethe ngaphezu kokuba ngumntu othathele kuye uxanduva lwezemali ukwenzela umfundi. Umntu okuthobelayo okuthethwa kumhlathi (c) umele ukucaciswa njengomntu othe wadlala indima yomzali ngokuthathela kuye imisebenzi eluxanduxa lomzali- efana nokumbhalisa umfundi esikolweni nasehostele. Umntu ololu hlolo unika umfundi oko umzali omzeleyo okanye umzali omthathele kuye umntwana lowo ukuba amkhulise nonokumxhasa kwimfuno zakhe umntwana wakhe.
- (b) Kuthathelwa ingqalelo isigama somhlathi (c), umntu othathele kuye imisebenzi eluxanduva ukulungiselela umfundi kufuneka akuchaze oko phantsi kwsifungo kwingxelo efunzelweyo ukwenzela ukuqinisekisa ubungakanani bemisebenzi eluxanduva lwakhe amakayithathele kuye. Ukongeza apho, ingxelo efunzelweyo evela kumzali womfundu (okanye lowo umntwana aphantsi kolawulo lwakhe ngokomthetho), echaza iinkcukacha zomntu othathe uxanduva oluyimisebenzi yomzali nokuba yeypipi na imisebenzi ethathiweyo nguye, nayo mayingeniswe esikolweni. Amabhunga olawulo makathathe ingqalelo umvuzo okanye umrholo ekungekaxhuzulwa nto kuwo (gross salary or wages) womntu owuthobelayo umhlathi (c) wenkcazo

yegama elithi umzali ukwenzela ukubalwa kwepesenti yenkxaso-mali yehostele afanele ukuyifumana umzali.

- (c) Kwimeko apha isikolo sinezizathu ezaneleyo zokumncina umntu obanga ukuba uwuthobele umhlathi (c) wenkcazo yegama elithi umzali, umphathi weseke the umele ukuba acelwe enze uphando, ehamba kunye nonontlalontle ovela kwiSebe loPhuhliso loLuntu (*Department of Social Development*), olunokuba kukundwendwela ikhaya lakhe kunye/okanye udliwano-ndlebe nomfundu, umzali nomntu othathele kuye uxanduva lwemisebenzi yomzali.
- (d) Isabe iWCED licetyiswe ukuba iinkcazo zamagama "umzali" neli "umfundu" ezinikwe kwi-SASA azahluli phakathi kwabemi nabo bangengabo abemi (*citizens and non-citizens*) yaye limele ukucaciswa ukwenzela le njongo liquke abemi bamazwe angaphandle abaziimbacu (*refugees*) nabemi abakweli lizwe ngokufuna igwiba lokhuseleko (*asylum seekers*) abanepemithi ngokwesiqendu 22 (ipemithi ekhutshelwe ummi oyi-asylum seeker ngokwesiqendu 22 soMthetho i-Refugees Act, 1998 (Act 130 of 1998)). Imfanelo eyimbopheleleko yesikolo sikarhulumente nehostele ezamkele umfundu nokuba ngaba umzali wakhe akanako ukuhlawula iifizi zokubhoda (*boarding fees*), ibalulekile kakhulu ukuqinisekisa ukufezekiswa kwelungelo lomntwana lokufumana imfundu esisiseko, njengoko likhuselwe nguMgaqonkqubo weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, apha izinto ezilungiselela umfundu ngeyona ndlela ibhetele, zibaluleke ngokugqithisileyo. Abazali abaziimbacu nabazali abangabemi bamanye amazwe abafuna igwiba lezokhuseleko (*Refugee and asylum seeker parents*) nabo banemfanelo eyimbophelelo ngokwesiqendu 34 soMthetho i-Refugees Act, 1998 (Act 130 of 1998), esifundwa nesiqendu 3(1) se-SASA, ukuqinisekisa ukuba abantwana babo bahamba isikolo yaye apha kuyimfuneko, bayabhoda ehostele. Apha umzali engenako ukuzihlawula iifizi zokubhoda, unelungelo lokufaka isicelo senkxaso-mali yehostele nokuba ngaba umntwana oxhomekeke kuye unawo okanye akanawo amaxwebhu ayimfuneko ngaso nasiphi na isizathu.
- (e) Igosa ekudlulisewa kulo amagunya leSebe iWCED liya kungqinisisa ukuphelela nokuchaneka kweenkcukacha zesicelo ngokuzithelekisa neemfuno ezimiselweyo emazifezekiswe ngaphambi kokuvunywa kwesicelo senkxaso-mali yehostele ukuqinisekisa ukuba iinkxaso-mali zinkwa abafundi abafanele ukufumana inkxaso-mali.
- (f) Kucelwa kuqatshelwe ukuba ingeniso yaqho ngonyaka kungekaxhuzulwa nto kuyo (*gross annual income*) yabazali bobabini, kungabandakanywanga umzali okhulisa umntwana ongengowakhe (*foster or step parent*), iya kuthathelwa ingqalelo. Kwimeko yezibonelelo zomhlalaphantsi (*retirement benefits*), umzekelo intlawulo yakanye qwaba okanye ipenshini enokuhlawulwa (*pension payable*), makungeniswe amaxwebhu abubungqina bezibonelelo ezifunyenweyo. Ukuba abazali bawuqhawule umtshato, ubungqina bentlawulo yesondlo (*maintenance*) ehlawulwayo mabungeniswe. Oku kuquka iinkxaso-mali zikarhulumente nezokukhulisa kwabantwana ngabazali abangengobabo (*state and foster care subsidies*)

kwakunye neemeko apha abafundi bathe bafakwa kwikhaya labantwana (*children's homes*).

- (g) Abenzi-sicelo abafumana ingeniso yabo ngokwenza imisebenzi engeyiyo ekarhulumente (*private undertakings*), iinkampani zorhwebo (*trading companies*), imisebenzi yasefama (*farming*) okanye eyokuthengisa (*peddling*)/(*hawking*) bamele ukuba nesiHlomelo A sefom yesicelo ezaliswe ngumphicothi-zincwadi, ngumcwangcisi-zimali okanye ngumgcini-zincwadi zemali (*auditor, accountant or bookkeeper*). Igama nesignitsha yomntu ozalisa amaxwebhu engeniso (*return*) malirekhodwe kwisihlomelo.
- (h) Ukuba umenzi-sicelo akaqeshwanga, ubungqina obubhaliwego bokugxothwa kwakhe mabuqhotyoshelwe kwisicelo. Nakuba olu xwebhu lububungqina lukhankanywe ngentla apha lusayinwa ngumqeshi wangaphambili, inokwamkeleka ingqinisekiso yenqununu yokuba umenzi-sicelo akaqeshwanga ngokolwazi lwakhe (*kumhlathi wefom yesicelo*). Makukhankanywe nokuba ngaba kufunyanwa izibonelelo ze-*Unemployment Insurance Fund* yaye zeliphi na ithuba.

4.1.5 Ezi nkqubo zilandelayo mazilandelwe xa kufakwa isicelo esiya kwi-HoD okanye kwelo gosa kudluliselwe kulo amagunya ukwenzela inkxaso-mali yehostele:

- (a) Izicelo ezizifezekisayo ezi khrayitheriya zilandelayo, ziya kuqwalaselela inkxaso-mali yehostele:
- (i) Abazali/abagcini bomfundi mabahlale kumgama ongaphezu kwe-5 km (ngakulo ndlela kawonke-wonke iyeyona imfutshane) ukusuka esikolweni.
 - (ii) Akukho skim sothutho sikarhulumente okanye sothutho lwabafundi esikolweni okanye kwizikolo ezikufutshane sifumanekayo.
 - (iii) Abafundi mabaye kwisikolo esisesona sikufutshane sifanelekileyo (ngokumalunga nolwimi lokufunda nokufundisa nekharityhulam).
 - (iv) Abazali/abagcini bomfundi mabahlale apha ngaphakathi kwiPhondo leNtshona Koloni.
 - (v) Imiqathango (i) ukuya ku-(iv) mayiqinisekiswe ngumphathi wesketh.
- (b) Kuthathelwa ingqalelo iimeko zasekuhlaleni nezoqoqosho zabafundi, ezi meko zilandelayo (ingxelo echaza izizathu evela kunontlalontle nemayiqhotyoshelwe kwisicelo) iya kuqwalaselwa kodwa ako akuthethi ukuthi ezo meko ziya kuvunywa:
- (i) Umzali okhulisa abantwana eyedwa nongumondli wosapho, apha umfundi ashiyeka yedwa engekho phantsi kweliso lomzali emini okanye ebusuku ngenxa yeembopheleko zomsebenzi.
 - (ii) Iimeko ezingekho mgangathweni zekhaya ezenza ukuba ukufunda kungabinako ukwenzeka.
 - (iii) Lingxaki zasekuhlaleni kwindawo ahlala kuyo umzali/umgcini womntwana ezinokuba neempembelelo ezimbi kwizifundo zomfundi.

- (iv) Umfundi unengxaki yesimilo nokuziphatha eluhlobo lokuba ukuhlala ehostele kuya kuba lunchedo kumfundi.
 - (v) Naziphi na iimeko ngokoluvo Iwe-HoD okanye yelo gosa kudluliselwe kulo amagunya, ezenza ukuba kunikwe ingcebiso yokuba umfundi ahambe isikolo lo gama abhoda ehostele.
- (c) linkqubo zesicelo nokwenza amabango zenziwe kwikhompyutha (*automated*) yaye mazizaliswe kwi-CEMIS yinqununu nakwi-EduInfoSearch ngumphathi weseke the njengoko kumiselwe apha ngezantsi. Nakuba kunjalo, ukuba nasiphi na isikolo sinengxaki ngokungena ku-intanethi (*internet connectivity*) ngamathuba amade noko, inqununu mayizalise izicelo namabango ngesandla yaye mazingeniswe kumphathi weseke the. Umphathi weseke the makazalise inkcazo eyingcebiso yakhe kwisicelo kune okanye kwibango aze azingenise kwiCandelo loLawulo leMicimbi yezaMali (*Directorate Financial Accounting (DFA)*).

4.2 Imisebenzi yeNqununu

4.2.1 Inqununu mayisijongisise isicelo ngokuthelekisa ingcaciso ukwenzela ukufumanisa ukuthembeka nokuchaneka kwengcaciso phambi kokuba inike iingcebiso ngesicelo:

Uvimba wengcaciso	Isiphumo
li-Google Maps	<ul style="list-style-type: none"> • Ukumisela esona sikolo sikufutshane kwikhaya lomfundi • Ukumisela umgama oya kwesona sikolo sikufutshane kwikhaya lomfundi • Ukumisela umgama oya kwisikolo abhaliswe kuso umfundi
Isistim System	<ul style="list-style-type: none"> • Ukumisela ukuba ngaba akukho sikim sothutho lwabafundi sifumanekayo • Ukutshekisha ingxelo yokungabikho kwabafundi esikolweni yaqho ngekota • Ukungqinisiswa kweenkukacha zomfundi

4.2.2 Aphi kucetyiswa ukuba umfundi makafumane inkxaso-mali yehostele esikolweni esingesiso esikufutshane kuye, inqununu mayinike iingcebiso zayo nezizathu ezivokothekileyo ukuxhasa oku. Inqununu/igosa ekudluliselwe kulo amagunya, malizihlaziye iinkcukacha kwi-CEMIS ngexesha elifanelekileyo kwimeko aphi kukho abafundi abaphumileyo ukuqinisekisa ukuba kukho amanani abafundi achanekileyo kwisistim.

4.2.3 Inqununu mayifake zonke izicelo ezizalisiweyo namaxwebhu achaphazelekayo kwi-CEMIS naya kuqwalaselwa ngumphathi weseke the.

4.3 Imisebenzi yoMphathi weSekethe

4.3.1 Umphathi weseke the makafumane izicelo kwi-EduInfoSearch yaye makaqinisekise ukuba onke amaxwebhu afanelekileyo njengoko ekhanyiwe

kwimihlathi 4.1.4 no-4.2.1 aqhotyoshelwe kwisicelo phambi kokuba kunikwe iingcebiso ngesicelo.

- 4.3.2 Ukungangqinelani kweenkcukacha okuqatshelwe kwisicelo senkxaso-mali nakwimiylelo yenyathelo lokulgisa le meko, makaziswe inqununu ukuqinisekisa ukuba kuqokelelwe ingcaciso ethembekileyo phambi kokuba sivunywe isicelo.
- 4.3.3 Umphathi weseke the makangenise izicelo ezizaliswe ngokupheleleyo kwiCandelo le-DFA ngokuzifaka kwi-EduInfoSearch.

5. Inkubo yezicelo zeenkxaso-mali zeehostele (izikolo)

- 5.1 Zinyanzelekile iinqununu zezikolo ezineehostele ukuqinisekisa ukuba bawangenisile la maxwebhu alandelayo kuMlawuli weSithili phambi kokuba babenako ukufaka isicelo senkxaso-mali yehostele:
- (a) Ingxelo-mali ephicothiweyo (*Audited financial statement*) (qho ngonyaka ungadlulanga owe-30 Juni) kwimicimbi yezemali yesikolo, nequka ingeniso yehostele nenkcitho kwiNtloko yeSebe (HoD).
 - (b) Isatifikethi i-Certificate of Sound Financial Management (Annexure A) saqho ngonyaka ekuqalen konyaka wokufunda wesikolo.
 - (c) Ingxelo i-Bi-annual report (WCED043) (Annexure B).
- 5.2 Izicelo ziya kusingathwa ngolu hlobo lulandelayo:
- (i) Abenzi-sicelo abakhoyo: lifom zezicelo ezizaliswe ngokupheleleyo (WCED 076), njengoko zifakiwe kwi-CEMIS yinqununu nezivunywa ngumphathi weseke the kwi-EduInfoSearch mazigqitywe ungadlulanga owe-30 kuJuni. Ungadlulanga owe-30 Septemba zonke iihostele ziya kwaziswa ngencwadi ebhaliweyo liCandelo le-DFA, ngamagama abafundi abazicelo zabo zenkxaso-mali yehostele zivuniweyo. Intlawulo yokuqala yeenkxaso-mali zabo bafundi iya kuhlawulwa ungadlulanga owe-31 Januvari.
 - (ii) Izicelo ezitsha: lifom zezicelo zabafundi abatsha ezizaliswe ngokupheleleyo (WCED 076), njengoko zifakiwe kwi-CEMIS yinqununu nezivunywa ngumphathi weseke the kwi-EduInfoSearch, mazigqitywe ungadlulanga owe-31 Januvari. Ukungathotyelwa koku kungentla kuya kukhokelela ekubeni kungabikho nkxaso-mali ihlawulwayo kweso sikolo. Ungadlulanga owe-28 Februari zonke iihostele ziya kwaziswa ngencwadi ebhaliweyo liCandelo le-DFA, ngamagama abafundi abazicelo zabo zenkxaso-mali yehostele zivuniweyo. Intlawulo yokuqala yeenkxaso-mali zabo bafundi iya kuhlawulwa ungadlulanga owe-15 Matshi.

Ukungathotyelwa koku kungentla kuya kukhokelela ekubeni kungabikho nkxaso-mali ihlawulwayo kweso sikolo.

- 5.3 Iihostele ziya kunikwa uluhlu lweentlawulo zesabelo liCandelo le-DFA eneenombolo zogunyaziso (*authorisation numbers*), kwakunye nesixa senkxaso-mali esinikwe umfundi ngamnye. Ifom yebango (WCED 077) imele

ukungeniswa qho ngekota ngokungqinelana noluhlu lweentlawulo zesabelo-mali kwi-CEMIS.

- 5.4 Kucetyiswa ukuba iintlawulo zaqho ngekota zenkxaso-mali zinokusingathwa kuphela yakuba irejista yokuhamba isikolo yabafundi abenzelwa ibango ifakiwe kwi-CEMIS kunye nefom yebango yaye ukuba inqununu iyakungqina oku, mayichaze kwinkcazo i-disclaimer kwi-CEMIS, ukuba abafundi bahlala ehostele.

6 **Ukungeniswa kweFom yeBango (Claim Form) (WCED 077)**

- 6.1 lifom zamabango mazizaliswe yinqununu nomphathi weseke the kwi-CEMIS nakwi-EdulInfoSearch ngendlela efanayo naleyo ichazwe kumhlathi 4 no-5 apha ngentla. Kwimeko apho kukho abafundi abatsha ababhaliswayo, ifom yesicelo ezaliswe ngokupheleleyo mayihanjiswe kunye nefom yebango.
- 6.2 Inqununu mayazise i-SGB ngenani elipheleleyo lamabango angeniswe kwi-CEMIS kwintlanganiso ezinyaswe linani lamalungu elimiselwe ukuthatha isigqibo ngokusesikweni. Inqununu mayizalise inkcazo eyi-disclaimer kwi-CEMIS yokuba amabango achazwe kwintlanganiso ezinyaswe linani lamalungu elimiselwe ukuthatha isigqibo ngokusesikweni ye-SGB.
- 6.3 lifom zamabango mazihanjiswe nerejista yokuhamba isikolo kwabafundi abenzelwa ibango kwi-CEMIS. Irejista yokubakho kwabafundi mayibe nale ncaciso ilandelayo:

Igama loMfund	Inombolo ye-Emis	IBakala	lintsuku kwikota	lintsuku zokubakho komfundi	lintsuku zokungabikho komfundi
------------------	---------------------	---------	---------------------	-----------------------------------	--------------------------------------

- 6.5 Kwimeko apho umfundu ayishiyayo ihostele, inxene yenkxaso-mali ihostele engenalungelo lokuyifumana, mayibuyiselwe kwiSebe iWCED, ngokungqinelana nerejista yokuhamba isikolo njengoko kubonisiwe kumhlathi 6.3.

7 **l inkqubo emazilandelwe xa zingahlawulwanga iffizi zehostele**

- 7.1 Kunyanzelekile ukuba ii-SGBs zikuphonononge ukungahlawulwa kweefizi zehostele ngendlela efanayo naleyo yokungahlawulwa kweefizi zesikolo, njengoko kumiselwe kwisiqendu 41(7) se-SASA, yaye maziqinisekise ukuba le miqathango ifakwa kumgaqo-nkqubo wezemali zesikolo (school's finance policy).
- 7.2 Amalungu e-SGB nabasebenzi abajongene neefizi zesikolo okanye ezechostele, mawalandele iinkqubo ezimiselweyo phambi kokuthatha inyathelo ngakubazali ngenxa yokungahlawulwa kweefizi zeehostele. Kugxininiwa ukuba akukho mfundi unokuvinjwa ilungelo lakhe lokuthatha inxaxheba kuyo yonke imiba yeprogram yesikolo sikarhulumente nakuba iffizi

zingahlawulwanga, ngabazali bakhe, yaye akukho mfundi unokuxhatshazwa nangayiphi na indlela.

Ivunyiwe/Ayivunywanga

2024/01/15 
B WALTERS
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: